Isalathiso 20210505-2676
Inombolo yefayili: 13/1/1
Imibuzo: KuBaQuquzeleli boVavanyo nakuBacwangcisi beKharutyhulam aBakhulu

ISetyhula: 0024/2021
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNgcali zeMfundo ezineQhuzu nakwiiNqununu zazo zonke izikolo

Isishwankathelo esifutshane: I*Sikhokelo esingokuphunyezwa kweprogram yovavanyo yango-2021 kwizikolo eziqhelekileyo nakwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa kwicandelo i-General Education and Training band ngokubanzi*

ISihloko: Ukuphunyezwa kweprogram yovavanyo yango-2021 kwizikolo eziqhelekileyo nakwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa kwicandelo i-*General Education and Training band*

1. ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-*DBE*) likhuphe **isiHlomelo A** seSetyhula 01 yoVavanyo kaZwelonke (*National Assessment Circular*) yango-2021, yomhla we-19 Apreli 2021. Le setyhula kazwelonke ibonelela ngesikhokelo secandelo le-*GET* malunga nokuphunyezwa nokulawulwa kweprogram yovavanyo enxulumene nesifundo ngasinye, ngokungqinelana nee-*Annual Teaching Plans (ATPs*) ezapapashwa kwiNgcaciso eMfutshane yeKharityhulam noLawulo loVavanyo 0001/2021, yomhla we-26 Januwari 2021.

2. KwiSigaba esiPhakathi nakwiSigaba saBadala, iimviwo zaphakathi enyakeni nezo zokuphela konyaka zitshintshwa ngeemviwo kumsebenzi osele ufundisiwe (*controlled tests)* emazibhaliswe phantsi kwemiqathango yolawulo. Ikhontenti yeemviwo kumsebenzi osele ufundisiwe (*controlled tests*) mayisuselwe kumsebenzi owenziweyo kwii-*ATPs* zango-2021. Ngokommiselo, uviwo lwangoJuni kumsebenzi osele ufundisiwe lumele ukuquka ikhontenti eyenziwe kwiKota 1 no-2 yaye luya kuba yinxenye yeemvavanyo

eziqhubekela ezikolweni (*school-based assessment (SBA*)) zeKota 2). Uviwo kumsebenzi osele ufundisiwe lumele ukuquka umsebenzi weKota 3 neKota 4.

3. **Ii-*SBA* nokwabiwa kwamanqaku omsebenzi**

3.1 KwiSigaba seSiseko, i-*SBA* iqulethe amanqaku angumlinganiselo ongu-100% afunyanwa ngeenkqubo zovavanyo eziqhubeka okoko ezilandelelanayo ezichazwe kwi-*ATP*.

3.2 KwiSigaba esiPhakathi nakwiSigaba saBadala, amanqaku omlinganiselo e-*SBA* aya kwenza u-80%. Uviwo kumsebenzi osele ufundisiwe olwenziwa kwiKota 4 kunye nawuphi na omnye umsebenzi wovavanyo njengoko udweliswe kwisihlomelo seSebe i-*DBE* esichaphazelekayo, ziya kwenza u-20% oseleyo.

3.3 Iindidi nenani lemisebenzi, kuqukwa nokwabiwa kwamanqaku nomlinganiselo wamanqaku emisebenzi ngesifundo ngasinye nangebakala ngalinye, zishwankathelwe ukulungiselela isigaba ngasinye kwiziHlomelo A–C zeSetyhula 01 yoVavanyo kaZwelonke 01 yango-2021 (**isiHlomelo A**: ISigaba seSiseko, **isiHlomelo B**: ISigaba esiPhakathi **nesiHlomelo C**: ISigaba saBadala).

3.4 Ukuba kuyadleleleka ukufundwa kwekharityhulam encitshisiweyo *(trimmed curriculum*) ngenxa yokuphulukana nexesha lokufundisa okubangelwe ngubhubhane we-*COVID-19,* okanye ngenxa yeendidi ezinokukhethwa zokucwangciswa kwethayimthebhili, ukwabiwa kwamanqaku kunokuncitshiswa ukwenzela ukumataniswa kwekhontenti efundisiweyo kodwa uya kuhlala ungatshintshanga umlinganiselo wakwabiwa kwamanqaku omsebenzi njengoko kuchaziwe **kwizihlomelo** negalelo lazo kumanqaku ekota nawe-*SBA* ngokwento yonke.

4. **Ukuqinisekiswa komgangatho wemisebenzi yovavanyo olumiselweyo**

4.1 ISetyhula 0042/2019, yomhla we-13 Novemba 2019, icacisa ukumodareyithwa kwemisebenzi yovavanyo emiselweyo kwisifundo yintloko yecandelo/yintloko yesifundo okanye ngutitshala oyingcali (*specialist teacher*) othathwa njengonobuchule kwisifundo esikolweni okanye yintloko yecandelo/yintloko yesifundo yesikolo esimelene naso, ngaphambi kokwenziwa komsebenzi wovavanyo.

4.2 Imodareyitha mayiqinisekise ukuba umsebenzi omiselweyo uhamba kunye nesikhokelo sokumakisha esineenkcukacha ezininzi kunye/okanye nerubrikhi, ezenziwe kakuhle nangokuchanekileyo. Naziphi na iingcebiso zokuphucula inkqubo yokumodareyitha mazibandakanywe kumsebenzi wovavanyo phambi kokuba wenziwe.

4.3 Kwiimviwo zomsebenzi osele ufundisiwe ezibhalwa ngoJuni nangoNovemba, ootitshala besifundo esifanayo bamele ukuthatha isampuli yezikriphthi ezimbalwa baze baxoxe

ngesikhokelo sokumakisha/ngerubrikhi njengeqela ukuqinisekisa ukuba ukumakisha kusemgangathweni omnye. Zonke izikriphthi ezimakishiweyo ngutitshala mazingeniswe kwintloko yesifundo ukwenzela ukuba imodareyithe i-10% yezikriphthi okumele ukuquka indlela abaqhuba ngayo abafundi ngokwala manqanaba, eliphakamileyo, eliphakathi nelisezantsi.

4.4 Ukusetwa kwemisebenzi emiselweyo yomgangatho ophezulu kubalulekile yaye izikolo zimele ukugcina iirekhodi ezichanekileyo zeenkqubo zokusetwa nokumodareyithwa ezilandelweyo ezinokuxhomekeka ekumodareyithweni okususelwa kwimigaqo yezithili neyephondo.

5. **Uvavanyo lokufunda (uvavanyo lokunika ulwazi)**

5.1 INgcaciso eMfutshane yoLawulo lweKharityulam noVavanyo 0004/2020, yomhla we-13 Oktobha 2020, yanika iingcebiso malunga novavanyo lokufunda/uvavanyo lokunika ulwazi omaluhlanganiswe kwinkqubo yokufundisa nokufunda nokulungiselela abafundi kuvavanyo lokufunda/lokunika ulwazi. Oku kubhekisa kwiimvavanyo ezingamiselwanga, iimvavanyo zemihla ngemihla ezenziwa ngethuba lesifundo (*lesson*) ngootishala ukuphucula ulwazi, ukuqonda okanye izakhono zabafundi.

5.2 Uvavanyo lokufunda/uvavanyo lokunika ulwazi lusetyenziselwa ukubeka esweni ukufundisa nokufunda, ukufumanisa izikhewu ekufundiseni nasekufundeni, yaye lunokuquka imiba eqwalaselwayo, ukubuzwa kwemibuzo, ingxoxo, iijenali, imibuzo ekhethisayo, iinkcazo-ntetho zepraktikhali njalo-njalo. Njengoko zichaziwe kwiSikhokelo i-*Guidelines to support teachers in improving assessment for learning*, 2020, seSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) kunye neseti yengcaciso eyimifanekiso *(infographics*) enako ukuvavanywa kusetyenziswa i-*ePortal.*

6. **Inkxaso esekelwe esikolweni**

6.1 IiKomiti ii-*School-based Support Teams (SBSTs*) zimele ukuqinisekisa ukuba banikwa inkxaso eyaneleyo nefanelekileyo abafundi ababonisa izikhewu okanye abanezithintelo ekufundeni ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo weSebe iDBE i-*Policy on Screening, Identification, Assessment and Support* (SIAS), 2014, njengoko ucacisiwe kwiNgcaciso eMfutshane yoVavanyo 0005/2017, yomhla we-16 Matshi 2017.

6.2 Iminyinyiva nokuxolelwa kuvavanyo imele ukuvunywa kwasekuqaleni kangangoko ukuqinisekisa ukuba abafundi abadleleleki nangayiphi na indlela. Inkqubo yokwenza isicelo yacaciswa kwiNgcaciso eMfutshane yoVavanyo 0001/2019, yomhla we-28 Januwari 2019.

7. **Imiqathango yokunciphisa usuleleko ukwenzela uvavanyo lwepraktikhali nemisebenzi yezemithambo (*physical education tasks*)**

Iiprothokholi ze-*COVID-19* ezifana nomgama wokuqelelana, ukucocwa kwezandla ngesibulala-ntsholongwane, ukunxitywa kwemaski nokuhlanziswa kwendawo yokusebenzela kuzo zonke izifundo ezinepraktikhali okanye ikhomponenti yezemithambo maziqhubeke ukwenziwa kuzo zonke izikolo. Ukusetyenziswa kweeprothokholi zeemaski nomgama wokuqelelana kwizifundo ezifana neZakhono zoBomi, uLwazi ngezoBom neZifundo zoBugcisa *(Creative Arts*) makulandelwe mbo njengoko kuchaziwe liCandelo loLawulo lweKharityhulam.

8. **Ukurekhodwa kwendlela abaqhuba ngayo abafundi**

8.1 Izikolo ezisebenzisa iiprogram zokurekhoda nokwenza iiripoti zeSebe iWCED zamaBakala 1–9 kwi-*CEMIS* ukwenzela ukurekhoda amanqaku kwii-*subject sheets*, maziqinisekise ukuba yonke idatha efakiweyo iyangqinisiswa ngabaphathi besikolo.

8.2 Ukwabiwa kwamanqaku kwimisebenzi kubandakanyiwe kwiiprogram zokurekhoda nokwenza iiripoti yaye izikolo azilindelekanga ukuba zenze iinguqu kwimilinganiselo yamanqaku omsebenzi owodwa.

8.3 Iiprogram zokurekhoda nokwenza iiripoti zinefankshinalithi eyakhelwe kuzo xa uvavanyo lungenziwayo (umzekelo ukufaka ukungabikho esikolweni okusemthethweni apho kuyimfuneko, zisebenzisa u-"*A:Abs*", njalo-njalo. Njengoko kuchaziwe kwi-*instruction sheet* yeprogram yokurekhoda nokwenza iripoti).

9. **Iishedyuli neeripoti**

9.1 Iishedyuli zokupasa kwabafundi zokugqibela zawo onke amabakala mazivunywe yaye zisayinelwe ngumphathi wesekethe kwi-*CEMIS*.

9.2 Iikhomenti ezimalunga nendlela abaqhuba ngayo abafundi zifakwa ngootitshala yaye zikhutshelwa ngokuzenzekelayo ukwenzela ukuba ziboniswe kwiripotikhadi.

9.3 Iripotikhadi ezinikwa abazali ziya kubonisa ikhowudi nepesenti yazo zonke iikota ezine kwakunye nekhowudi yokupasa/yokudlulela kwesinye isigaba yokugqibela nepesenti.

10. Ziyacelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile setyhula kubo bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2021-05-20